Le ncwadi ipapashwe yi Al Hidayah Centre, ayinayo imiqathango yokupapashwa kwayo esiyaziyo. (Muntakhab Ahadith Incwadi Malunga Nokukhumbula u-Allah).

Iprintwe eMzantsi Afrika

Ukuprintwa kokuqala, 2022

ISBN:
978-0-6397-1945-0 (Ebook)

KHUPHELA KWI EBOOK:
http://alhidayah.co.za/incwadi-malunga-nokukhumbula-u-allah/

*Ipapashwe yi:*
**Al Hidayah Centre,** Eastern Cape

18 Bonaventure Crescent
Salsoneville, Port Elizabeth
Telephone: 041 492 2773
Whatsapp: 041 492 2773 | https://wa.me/27414922773
Email: info@alhidayah.co.za
www.alhidayah.co.za

***“Kananjalo aSizanga Sithumele Mprofethi Singamthumeli ngolwimi lwabantu bakubo khona'ukuze enze umyalezo ucace kubo. Ke kaloku u Allah Uvumela alahleke lowo Athande ukuba alahleke, Akhokele lowo Athande ukumkhokela. Yena nguSomandla, uSobulumko.”***
***(Quran 14:4)***

# Imbulambethe by 1

Iindumiso zonke zezika Allah, iNkosi yamahlabathi onke. Iinceba ezikhethekileyo kunye noxolo inga zingakulowo wathunyelwa njengenceba ehlabathini.

Ngelixesha abanye abantu beshiya ngasemva ilifa elizizinto ezibambekayo elithi lifunyanwe ziindla lifa lakhe, bona abaProfethi baka Allah bona ilifa abalishiyayo yalilulwazi lwenkolo. Kengoko iinfundimani (scholars) ze Islam ziziindla lifa zabaProfethi; zona zifumane ilifa lika Rasoolullah Sallallahu alaihi wa sallam. Yena washiya ngasemva incwadi ka -Allah (Quran) kunye neSunnah Yona ithe yagcinwa ikhuselekile ngokuthi ingulowo nalowo ethe wayigqithisela omnye okubizwa ngokua yiHadith. ISunnah iquka zonke izinto ezathi zenziwa okanye zathethwa nguRasoolullah Sallallahu alaihi wa sallam zathi zaqwalwaselwa kwaye zagcinwa khuselekileyo ngamaqabane akhe ahloniphekileyo (RadhiaAllahu Anhum). Ezinye zezo zinto zagcinwa ngexesha lakhe esaphila ezinye emva kokusweleka kwakhe. Ngokuye Ixesha lihamba iincwadi eziqulathe i-Ahadith zathi zapapashwa. Kwasetyenzwa nzima ukuqinisekisa ukuba kuqokelelwe, kufundisisiswe kuvavanywe zonke ezizinto zexabiso ezililifa lika Rasoolullah Sallallahu alaihi wa sallam. Kungenxa yalo misebenzi inzima eyabangela ukuba namhlanje sibe sisenalo lucwengile olu lwazi lwenkolo. I-Ulama zeHadith emva kwexesha zaya zazenza amanqanaba khona ukuze kuzo balula xa ufuna ukwenza isalathiso.

Namhlanje zininzi iingqokelela ezibhaliweyo, kodwa uninzi lubhalwe ngesi Arabu, nto leyo efuna ukuba umntu ayacacisisise into eyithethayo. Alhamdulillah kwiminyaka embalwa egqithileyo ii-Ulama ezingaphumi kumazwe ama Arabu athi aqalisa ukuguqulela ezi Ahadith kwiilwimi ezahlukeneyo kwihlabathi liphela, khona ukuze Eli lifa lihlale lifumaneka.

Al-Muntakhab yenye yezo ncwadi egxininisa kakhulu kwezi khwalithi ziyi 6 ezazifumaneka ngamandla kumaqabane kaRasoolullah Sallallahu alaihi wa sallam.Kuyinto entle ukuba umntu ayifunde ekhayeni lakhe.Kuba iqulathe I Ahadith ezikhuthaza ukwenziwa kwemisebenzi emihle kwaye icacisa nangomvuzo owufumanayo Ngokwenza oko, enye incwadi ekukhuthazwa ukuba ifundwe yiRiyaadhus Saliheen ka Imaam Nawawi rahimahullah. Ngokwenza njalo uyakufumana ulwazi oluphangaleleyo lokuba ulwazi luxanduva onalo njenge Muslim, kwaye nokumkhuthaza ukuba azenze izinto

ngokwe Sunnah. Umntu kufuneka ayibulele imisebenzi enje kuquka nezo ziguqulelwe kwezinye iilwimi.Nasekubeni ikhangelela ilula xa sele igqityiwe ukuguqulwa kodwa kungumsebenzi onzima ofuna ukuba umise ingqondo xa uwenza. Oku akungomsenzi mncinane kuba kaloku lowo uguqulayo uye abe ngumhambisi womyalezo ka Nabi Muhammad Sallallahu alaihi wa sallam.

Kubalulekile ukuba sibulele i-Al Hidayah Centre neqela layo ngokuthi izame ukuguqula ezimfundiso zexabiso zenkolo ye Islam, khona ukuze zizokufikelela kwiintlanga ezahlukeneyo zase Mzantsi Afrika ezikunxanelweyo ukwazi ngenkolo ye Islam. Le nguqulelo siyathemba ukuba iyakuba luncedo apha ehlabathini kwaye iyakuhlala ingumthombo ompompozayo kwixa elizayo kwabo bathathe lo msebenzi mkhulu kangaka, wokugula amazwi woMprofethi wethu esimthandayo Sallallahu alaihi wa sallam.

Le nguqulelo nolupapasho ngaphandle kwamathandabuzo iyakuba yinzuzo enkulu kwabo bathetha ulwimi lwesixhosa. Inga u-Allah angabavuza bonke abo bathe benza oku kube yimpumelelo kwaye kube yinkuthazo nakwabanye abantu ehlabathini.

**Moulana Junaid Adam**

Ameer | Council of Ulama Eastern Cape, Port Elizabeth, Suid-Afrika

# Imbulambethe by 2

I Islam yafika eAfrika phambi kokuba ifike eMadinah.

Iqela lamaMuslim okuqala lathunyelwa e Abyssinia ngumProfethi uMuhammad sallallahu alayhi wasallam wathi makayocela igwiba lokhuselo kwikumkani enobulungisa yase Afrika. Leyo yinyani engangxengwanga yezembali.

Kwiinkulungwane eziliqela emva koko i-Islam yanwenwa ngokukhawuleza kwizwekazi lase Afrika, kwimilibo eyahlukeneyo emithathu: ngaseNtshona uyokufikelela eMantla eAfrika, ukusukela apho yehla yazo kufikelela eSahara kanti nokuhla uyokutsho kunxweme lwaseMpuma lweZwekazi kuyokuqhagamishela apho namhlanje kukho iMozambique.

Oko kunwenwa kwenzeka ngaxesha linye nokufika kuka Da Gama eCape of Good Hope, njalo yaba sisiqalo sokufika kobuKoloniyali base Yurophu.

Ngokufika kwabo kwanqumama ukunwenwa kwe Islam kwezinye iingingqi, ngenxa yezigalo namandla obuKoloniyali.

Kodwa nasekubeni kunjalo isigqibo sikaAllah asokuze sijikwe mntu okanye nto. Ngeendlela ezingalindelekanga u-Allah wenza ukufuduswa ngenkani kwamaMuslim ukusuka eMpuma Ekude yaba yindlela i-Islam efikelela ngayo kwiNcam yeAfrika. Kunye nesiqalo sayo kumthunzi we Ntaba Yetafile yase Kapa, Yakhula ngokukhawuleza okukhulu ekuthambekeni kwinkulungwane ye 18 nasekuqaleni kwenkulungwane ye 19 nto leyo yabangela inkxalabo kwiCawa nakwiNkampani.

Ngenxa yezizathu ezahlukeneyo okokuhluma kwamaMuslim kweza nemilo yangaphakathi.Elo themba likhulu lokuhluma lagutyungelwa lusukuzwano, njalo abe amandla okuya phambili. Endaweni yokuba amaMuslim abheke phambili, amaMishinari aseYurophu alenyusa izinga lawo kancinci ada azokufikelela eMazantsi eAfrika.

Ngoku ixesha lifikile lokuba sicholachola apho kwashiywa khona kuyiwe phambili. Siyathemba ukuba le ncwadi ineengqokelela ze Ahadith zika Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam iguqulelwe esixhoseni, iyakunika

inkxaso ekuvaleni isikhewu esivulekileyo ngenxa yamathuba esiphulukene nawo okuhambisa inkolo ye Islam, nokuvala ezo mbobo zikhokelele ekuphulukaneni kwalo mathuba.

Inga u-Allah angawomkela lo msebenzi kwaye awusikelele.

**Mufti M Taha Karaan** *rahimahullah*

Prinsipaal | Dār al-ʿUlūm al-ʿArabiyyah al-Islāmiyyah, Strand, Suid-Afrika

# Imbulambethe by 3

Iindumiso zonke zezi ka-Allah kwaye iinceba neentsikelelo zika Allah mazibe kumProfethi wethu esimthandayo uNabi sallallahu alaihi wa sallam

Kwicala le Jamiatul Ulama (KwaZulu Natal), kuli wonga elikhulu nochulumanco ukuba ndikwazi ukwenza la mabala engwe malunga nokupapashwa kwee Ahadith eziyi 112 malunga nokulunga komthandazo kwiihadith zikaNabi sallallahu alaihi wa sallam eziqulathwe kwincwadi ebizwa ngokuba yiMuntakhab Ahadith ngolwimi lwesiXhosa.

Inene kukho imfuneko emandla yokuba kubekho iincwadi ezithembakeleyo zolwimi lwesiXhosa kuquka nezinye iilwimi zase Afrika, ingakumbi kuMzantsi Afrika onencubeko ezahlukeneyo.

Inga u-Allah angawomkela lo msebenzi mhle kumguquli, uMoulana Muhsin Mbotoli kunye nompapashi, uMoulana Muhammad Badsha ne Al Hidayah Centre in Port Elizabeth, South Africa.

Kulu chulumanco olugqithisileyo nanga kumbi kuba zombini ezi Ulama Zihloniphekileyo ziyi mveliso ephuma kwiziko le mfundo ephakamileyo yethu iMadrasa Taleemuddeen in KwaZulu Natal, South Africa.

Inga le ncwadi isikekekileyo ingangu nobangela wokuba le nkolo yethu intle ingayo kufikelela kwiimbombo zone zabo bathetha ulwimi lwesiXhosa.

Inga u-Allah angayenza le ncwadi ibe ngumthombo weentsikelelo kunye nokuba isenze sisondele nangakumbi kuNabi sallallahu alaihi wa sallam, Aameen.

**Moulana Ahmed E Mahomedy**

Ameer | Jamiatul Ulama KZN, Durban, South Africa

# Uphawula komGuquli

Kananjalo aSizanga Sithumele Mprofethi, Singamthumeli ngolwimi lwabantu bakubo, khona'ukuze enze umyalezo ucace Kubo.

Kule vesi ingentla siyabona Indlela u-Allah Ta'ala afuna ngayo ukuba wonke umntu abe sendleleni etye, ukuqinisekisa ukuba wonke umntu uyacaciselwa ngolwimi lwakhe ngokucacileyo. Nam ngenceba ka Allah nangenxaso ye Al Hidayah Centre ingakumbi iNkokheli yayo uMoulana Muhammad Badsha osoloko ebila esoma ukuqinisekisa ukuba ngalo lonke ixesha yonke into esiyifunayo khona ukuze abo bafuna ukufunda nge Islam ngolwimi lwesiXhosa bayakwazi ukufumana ulwazi ngolwimi lwesixhosa. Kaloku thina bathetha ulwimi lwesiXhosa abanye abantu ukuzokuthi ga ngoku basenenkolelo yokuba inkolo ye Islam yinkolo yezinye iintlanga hayi thina bantu bathetha isixhosa, ngale migudu yokuba siguqulele esixhoseni iimfundiso nolwazi malunga me Islam sizama ukubonisa ukuba ababantu bangene kwinkolo ye Islam bangene kuyo ngenxa yophando abalenzileyo nge Islam, hayi ngokumfanyekiswa. Ndiyathemba ukuba le nguqulelo yezi Ahadith eziyi 112 iyakuba luncedo kwabo bafuna ukuva ngokulunga komthandazo, ukuqinisekisa ukuba bafumana ukubaluleka komthandazo kwi Ahadith nqo.

Inga u-Allah angayenza le mizamo yethu yokuguqulela esiXhoseni ezi Ahadith Shareef zibe zinga kukukhanya kweli hlabathi nakwi xa elizayo, kubo bonke abo bathe bancedisa ukuba kube yimpumelelo. Aameen

**Moulana Muhsin Mbotoli**

Lecturer in Hadith | Dawah Department, Al Hidayah Centre, Port Elizabeth, South Africa

# Zikr

1. **U-Abu Saeed** radhiallahu anhu wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam xa ecaphula kwi Hadith Qudsi, "U-Rabbi Tabaraka waTa'ala, 'Lowo ungakwaziyo ukwenza iZikr nesikhungo kuM ngenxa yokuba exakeke yiQuran, Ndiyakumnika okungcono kunoko Ndikunike lowo ebecela. Ubungcono beQuran xa ubuthelekisa namanye amagama kufana nobungcono buka-Allah kwindalo yaKhe." *(Tirmidhi)*

2. **U-Abu Dhar Ghifaari** radhiallahu anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Akukho nanye into enokusondeza ku-Allah ngaphandle kwaleyo iphuma kuYe (iQuran)." *(Mustadrak Hakim)*

3. **U-Abdullah Ibn Amr** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Siyaam (ukuzila) neQuran, zombini ziyakuthethelela isicaka ku-Allah ngemini yomgwebo. Ukuzila (kuzakuthethelela) kuthi, Hini na Nkosi yam/Ndiye ndasinqanda esisicaka (sakho) ekutyeni nakwiinkanuko zaso, kengoko (ndicela ukomnkele ukuthethelela kwam.) IQuran yona izakuthi, Ndiye ndamnqanda ekulaleni ebusuku, kengoko ndicela womnkele ukuthethelela kwam yena. U-Allah uyakwamnkela ukuthethelela kwazo zombini." *(Musnad Ahmad)*

4. **U-Umar** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Inene u-Allah ngenxa yale ncwadi (Quran) Uye waliphakamisa inqanaba labanye abantu abaninzi kanti inqanaba labanye abantu liye lehliswa (ngenxa yeQuran)." *(Muslim)*

5. **U-Abu Dhar** radhiallahu anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi ku-Abu Dhar, "Funda iQuran kwaye wenze neZikr ka-Allah Azza waJalla. Kuba zingunobangela

wokuba ukhunjulwe emazulwini kwaye zikukukhanya kwakho emhlabeni.” *(Baihaqi)*

6. **U-Abdullah Ibn Masood** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Lowo ufunda unobumba omnye weQuran uyakufumamna umvuzo wesenzo esihle esinye, kanti eso senzo sihle sinye siyakuphindaphindwa kalishumi. Andithi u-*Alif Laam Meem* ngunobumba omnye koko u-*Alif* ngunobumba omnye, u-*Laam* ngunobumba omnye kanti no-*Meem* ngunobumba omnye.” *(Tirmidhi)*

7. **U-Imraan Ibn Husain** radhiallahu anhuma uthi, ndeva uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam esithi, “Lowo ufunda Iquran makacele ku-Allah yedwa. Kungekudala kuzakufika abantu abazakufunda iQuran kodwa bacele imbuyekezo yabo ebantwini.” *(Tirmidhi)*

8. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “U-Allah akathatheli ngqwalasela kuyo nayiphina into njengokuba ethathela ingqwalasela xa uMprofethi efunda iQuran ngelizwi elimnandi.” *(Muslim)*

9. **U-Bara** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Hombisani iQuran ngamazwi enu. Inene ilizwi elimnandi liyabongeza ubumnandi beQuran.” *(Mustadrak Hakim)*

10. **U-Abu Musa** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi ku-Abu Musa, “Ukuba ubunokundibona phezolo indlela ebendimamele ngayo ngomdla ukufunda kwakho (iQuran) wawunokuyithanda lonto, kuba inene wena uphiwe isixa selizwi elimnandi lika-Dawood Alayhis Salaam.” *(Muslim)*

11. **U-Ibn Abbas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Intliziyo yalowo kuye kungekhoyo kuyo inxalenye yeQuran, ifana nendlu engahlali bantu." *(Tirmidhi)*

12. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu ubalisa ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam kwiHadith Qudsi uchaza ukuba u-Allah Azza Wajalla uthi, "Mna ndiba nesicaka saM xa sindikhumbula kwaye imilebe yaso ishukuma ngenxa yokukhumbula Mna." *(Ibn Majah)*

13. **U-Abdullah Ibn Busr** radhiallahu anhu uchaza ukuba indoda ethile yathi, "Hini na-Rasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam! Ndiyayazi ukuba imiyalelo ye-Sharia mininzi, ndicela undixelele into ibenye endinokuthi ndibambelele kuyo." Yena (uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam) waphendula wathi, "Gcina ilwimi lakho lixakekile kukukhumbula u-Allah." *(Tirmidhi)*

14. **U-Muadh Ibn Jabal** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Abantu baseParadesi akukho nto bayakuzisola ngayo ngaphandle kwexesha ebebelichithe ngaphandle kokwenza iZikr ka-Allah." *(Tabrani)*

15. **U-Sahl Ibn Hunaif** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Zalisekisa amalungelo endibano ngokuthi nikhumbule u-Allah kakhulu." *(Tabrani)*

16. **U-Uqbah Ibn Aamir** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Nawuphi na lowo uthi xa ekhwele isithuthi othi agcine intliziyo yakhe ibe no-Allah kwaye amkhumbule u-Allah kwelo hambo lwakhe, iNgelosi iba liqabane lakhe. Kanti lowo uzigcina exakekile ngamaqhalo nezinye izinto ezingenamsebenzi yena iqabane lakhe iba nguSathana." *(Tabrani)*

17. **U-Abu Musa** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Umzekelo womntu owenza iZikr yeNkosi yakhe nomzekeliso walowo ungayenziyo iZikr yeNkosi yakhe ufana nomzekelo womntu ophilayo nowomntu oswelekileyo. Kwenye iHadith kuthiwa, Umzekelo wendlu apho Izikr ka-Allah yenziwayo khona nomzekelo walo ndlu kungenziwayo iZikr ka-Allah ufana nomzekelo womntu ophilayo nowomntu oswelekileyo." *(Bukhari)*

18. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "IiMufarridoon zikhokele ngaphambili!" AmaSahaba abuza, "Ngobani na iiMufarridoon, Hini na Rasoolullah?" Waphendula wathi, "Abo bazilahleleyo kwiZikr ka-Allah. Ukwenza iZikr ka-Allah kuphungula imithwalo. Ngenxa (yokwenza iZikr) uyakuza ngemini yomgwebo enomthwalo omncinci." *(Tirmidhi)*

19. **U-Abu Musa** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Ukuba umntu onemali eninzi uyabela abantu, kanti omnye umntu wenza iZikr ka-Allah, lowo wenza iZikr uyakuba ngoyena ungcono." *(Tabrani)*

20. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Lowo wenza iZikr ka-Allah kakhulu akanabo ubuhanahanisi." *(Tabrani)*

21. **U-Abu Saeed Al Khudri** radhiallahu anhu uchaza ukuba, inene uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Baninzi abantu abenza iZikr ka-Allah behleli koomamndlalo abantofontofo ngenxa yoko bayakungena kwelona nqanaba liphezulu leParadesi." *(Abu Ya'la)*

22. **U-Jabir** radhiallahu anhu uchaza ukuba ekubeni uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam egqibile ukuthandaza umthandazo

weFajr, wayedla ngokwakha isathanga kulo ndawo ebekuyo lide ilanga liphakame libe phezulwana.” *(Abu Dawud)*

23. **U-Abdullah Ibn Amr** radhiallahu anhuma uchaza ukuba yena wabuza wathi, “Hini na Rasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam! Yintoni na umvuzo kwabo badibanayo khona ukuze bazokwenza iZikr ka-Allah?” Yena waphendula wathi, “Umvuzo weendibano zeZikr yiParadesi! yiParadesi!” *(Musnad Ahmad)*

24. **U-Abu Saeed Al Khudri** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam kwiHadith Qudsi, “U-Allah Azza-WaJall uzakuthi ngemini yovuko, ‘Abantu abakufutshane kulo ndimbane bazakuyazi ukuba ngobani na abo bahloniphekileyo.” Kuzakubuzwa ukuba ngobani abo bazakufumana intlonipho, “Hini na Rasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam?” Waphendula wathi, “Ngabo bathi badibane ezimasjid khona ukuze bazokwenza iZikr ka-Allah.” *(Musnad Ahmad)*

25. **U-Anas Ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Xa ugqitha kwimiyezo yaseParadesi yidla ngentliziyo uhluthe.” Kwabuzwa, “Yintoni na imiyezo yaseParadesi?” Waphendula wathi, “Yindibano apho kwenziwa iZikr ka-Allah khona.” *(Tirmidhi)*

26. **U-Ibn Abbas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba kwabuzwa, “Hini na Rasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam. Ngubani na okungcono ukuba sihlale naye?” Waphendula wathi, “Lowo uthi wakumjonga wenza ukhumbule u-Allah Azza Wajall, kwaye intetho yakhe iyakuphucula ngokwezenzo kwaye izenzo zakhe zikukhumbuza nge-Akhirat.” *(Abu Ya’la)*

27. **U-Anas Ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Lo mntu ukhumbula u-Allah ziqengqeleke iinyembezi emehlweni akhe ngenxa yokoyika u-

Allah ziwele emhlabeni. U-Allah Ta'ala akasayi kumohlwaya ngemini yovuko." *(Mustadrak Hakim)*

28. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Ukuba abantu bayadibana kwindibano ethile apho bangayenziyo iZikr ka-Allah kwaye bengathumeli neSalawaat kumProfethi, lo (ndibano) iba ludano nelahleko kubo. Ukuba u-Allah uyafuna angabohlwaya kwaye ukuba uyafuna, angabaxolela." *(Tirmidhi)*

29. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Ukuba umntu uhlala phantsi ndaweni ithile kodwa angayenzi iZikr ka-Allah apho, okokuhlala kwakhe apho kuyakuba yilahleko emehlweni ka-Allah, kanti ukuba umntu uyangqengqa endaweni ethile angayenzi iZikr ka-Allah (okokungenzi kwakhe iZikr kuyakumenza afumane ilahleko ku-Allah)." *(Abu Dawud)*

30. **U-Abu Dhar** radhiallahu anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam waye wabuzwa ukuba, "Ngawaphi na amagama angawona angcono?" Waphendula wathi, "Ngamagama u-Allah athe wawakhethela iiNgelosi zaKhe, okanye izicaka zaKhe: *Sub-haanallah wabihamdihi* (Uzuko malube ku-Allah Yena umsulwa kuzo zonke izipheme kwaye nguYe ofanele ukudunyiswa)." *(Muslim)*

31. **U-Jabir** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Lowo uthi *Sub-haanallahil azim wabihamdihi* (Uzuko malube ku-Allah Yena ungenazo izipheme, Yena Mkhulu ongenantanga kwaye zonke iindumiso zezaKhe), lowo wenze oko uyakutyalelwa umthi weDates eParadesi." *(Tirmidhi)*

32. **U-Ibn Abbas** radhiallahu anhuma uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Abantu bokuqala ukubizelwa eParadesi ngemini yovuko iyakuba ngabo bakhumbula u-Allah ngamaxesha

obumnandi kunye nangamaxesha obunzima." *(Mustadrak Hakim)*

33. **U-Anas Ibn Malik** radhiallahu anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, "U-Allah uyavuya xa isicaka saKhe simdumisa xa sisitya, kwaye naxa sisela simdumisa." *(Muslim)*

34. **U-Anas** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi Ithi S*ub-haanallah* (uzuko lonke malube ku-Allah Yena ungenazo izipheme), *Alhamdulillah* (iindumiso zonke zezika-Allah), *Laa ilaaha illallahu* (Akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah), *Allahu akbar* (U-Allah nguYe Onguyena omkhulu), ngokufunda oko izono zakhe ziyakuwa njengokuba amagqabi esiwa emthini." *(Musnad Ahmad)*

35. Kuchazwa ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Nawuphi na lowo uthumela iDurood kum kanye, u-Allah uyakumnika iintsikelelo ezilishumi kwaye nokulungileyo okulishumi kuyakubhalwa egameni lakhe." *(Tirmidhi)*

36. **U-Umair Al Ansari** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Nawuphi na kwi-Ummah yam oyakuthi athumele iSalawaat kube kanye kum ngokunyaniseka kwentliziyo, u-Allah uyakumnika iintsikelelo ezilishumi; uyakuliphakamisa inqanaba lakhe kalishumi, kuyakubhalwa egameni lakhe okulungileyo okulishumi kwaye izono zakhe ezilishumi ziyakucinywa." *(Amal Al Yaum wa Al Lailah li Al Nisaai)*

37. **U-Abu Umamah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Thumelani iiSalawaat ezininzi kum ngoLwezihlanu rhoqo (Juma), kuba zonke iiSalawaat ezithunyelwa yi-Ummah yam ziziswa phambi kwam ngabo bonke oLwesihlanu. Lowo uthumela iiSalawaat ezininzi

kum uyakuba ngoyena usondeleyo kum ngokwenqanaba (ngemini yovuko).” *(Baihaqi)*

38. **U-Anas** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Thumelani iiSalawaat kakhulu ngoLwesihlanu, kuba uGabriyeli alayhi salaam usanda kufika kum ngoku nomyalezo ovela kwiNkosi yam (u-Allah) othi, ‘Xa nayiphi na iMuslim emhlabeni ithumela iSalawaat kuwe kube kanye, Mna (Allah) Ndimnika iintsikelelo ezilishumi kwaye neeNgelosi zam zimcelela ukuxolelwa amatyeli alishumi.” *(Tabrani)*

39. **U-Abdullah Ibn Masud** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Oyena mntu uyakuba kufutshane kunam ngemini yovuko kwi-Ummah yam ngulowo uthumela iiSalawaat kakhulu kum.” *(Tirmidhi)*

40. **U-Abu Bakr Siddique** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Lowo ucela uxolelwa ngu-Allah rhoqo akasayi kuthatyathwa njengomoni ozingileyo, nasekubeni equqa ebuyelela amatyeli angamashumi asixhenxe ngemini ekwenzeni eso sono.” *(Abu Dawud)*

41. **U-Ibn Abbas** radhiallahu anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Lowo ucela ukuxolelwa izono rhoqo, u-Allah uyakumenzela indlela yokuphuma kulo meko imxinwa, kwaye uyakumnika isiqabu kwiinzingo kwaye uyakumnika isondlo esisuka kwiindawo angazicingelanga.” *(Abu Dawud)*

42. **U-Zubair** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Nawuphina umntu onqwenela ukuba izenzo zakhe zimonwabise, kufuneka acele ukuxolelwa izono kakhulu.” *(Tabrani)*

43. **U-Abdullah Ibn Busr** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Usikelelekile lowo uyakuthi afumane i-Istighfaar esininzi kwincwadi yezenzo zakhe." *(Ibn Majah)*

44. **U-Ubadah Ibn Saamit** radhiallahu anhu uthi, ndeva uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam esithi, "Lowo ucelela ukuxolelwa kwesono selinye ikholwa eliyindoda kunye selinye ikholwa elibhinqileyo, u-Allah ubhala egameni layo okulungileyo ngelo kholwa liyindoda ngalinye kunye nangelo kholwakazi ngalinye." *(Tabrani)*

45. **U-Salman Farsi** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Inene u-Allah unguSonininanini kwaye unesisa, ubanentloni xa umntu ethe waphakamisa izandla zakhe esenza iDua, ukuba Azivumele ezo zandla zihle nelize edanile (zingayifumenanga lonto ebeyicela)." *(Tirmidhi)*

46. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi xa ecaphula kwiHadith Qudsi, "U-Allah inene uthi, 'Mna lonto isicaka siyicingayo ngam, Nam yindlela endisakusiphatha ngayo, kwaye Mna Ndizakuba naso xa sicela kum." *(Muslim)*

47. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Akukho ihloniphekileyo emehlweni ka-Allah ukogqitha iDua." *(Tirmidhi)*

48. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Nawuphi na lowo kunokumvuyisa ukuba u-Allah asiphendule isicelo sakhe ngexesha lobunzima nentlungu, kufuneka enze iDua kakhulu ngexesha elilula (apho yonke into ihamba ngokweminqweno)." *(Tirmidhi)*

49. **U-Ali** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasaoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “IDua sisixhobo sekholwa, yintsika yenkolo sisikhanyisi samazulu nomhlaba.” *(Mustadrak Hakim)*

50. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, “Celani ku-Allah ninenkolelo eqinileyo yokuba uZakuninika isicelo senu. Kufuneka nazi ukuba u-Allah akasomnkeli isicelo salowo intliziyo yakhe ingekho kulonto ayicelayo.” *(Tirmidhi)*

51. **U-Habeeb Ibn Maslama Al Fihri** radhiallahu anhu uchaza ndeva uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam esithi, “Akukho ndibano apho khona abanye abantu abenza iDua, kanti abanye kubo bathi Aameen, ngaphandle kokuba u-Allah Asomnkele eso sicelo sabo.” *(Mustadrak Hakim)*

52. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “IIdua ezintathu ngukuyinene ziyakwamnkelwa, ngaphandle kwamathandabuzo, ‘IDua katata, Idua yomhambi kunye nedua yomntu ocinezelweyo.” *(Abu Dawud)*

Kaloku thina bathetha ulwimi lwesiXhosa abanye abantu ukuzokuthi ga ngoku basenenkolelo yokuba inkolo ye Islam yinkolo yezinye iintlanga hayi thina bantu bathetha isixhosa, ngale migudu yokuba siguqulele esixhoseni iimfundiso nolwazi malunga me Islam sizama ukubonisa ukuba ababantu bangene kwinkolo ye Islam bangene kuyo ngenxa yophando abalenzileyo nge Islam hayi ngokumfanyekiswa.

Khuphela kwi ebook:
www.alhidayah.co.za/incwadi-malunga-nokukhumbula-u-allah/

Ipapashwe yi
**AL HIDAYAH CENTRE**
Eastern Cape

ISBN 978-0-6397-1945-0
DOWNLOAD EBOOK
9 780639 719450

041 492 2773
info@alhidayah.co.za
18 Bonaventure Crescent, Port Elizabeth
041 492 2773 https://wa.me/27414922773
www.alhidayah.co.za